

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| November 2018 Edition 1



■ Molo Mhlaba is steadily closing the gap by offering quality education that can set girls up for life.



GO GEORGE leads in empowering people with disabilities

Page 4



Protecting the eyes and ears of children

Page 5

A ray of hope for Khayelitsha girls

KHAYELITSHA'S FIRST low-fee private school for girls Molo Mhlaba believes that people living in poor communities deserve safe, affordable and quality education.

Allison Cooper

Plagued by escalating crime, poverty and inequality, it was tough to find good education for girls in a safe environment in the Khayelitsha township. This is no longer the case as Molo Mhlaba is steadily closing the gap by offering

quality education that can set girls up for life.

Headed up by Dr Rethabile Sonibare, Molo Mhlaba – which means 'hello' world in English – opened its doors with a mere handful of learners aged between three and six in January 2018. A short ten months later, it has 38 foundation phase learners in its charge.

Inspired by the Montessori approach and a fun, playful and creative environment, the school provides quality science, technology, engineering, art and design and maths (STEAM) education, through innovative teaching and learning strategies, by teachers from the community. It is a dual English and Xhosa medium school.

“As a STEAM school, we offer subjects such as robotics and coding to three and four year olds,” Dr Sonibare confirmed.

In an area where sexual abuse is one of the biggest social ills, Molo Mhlaba provides a safe haven and

● **Cont. on page 2**

“The greatest glory in living lies not in never falling, but in rising every time we fall.”

Nelson Mandela



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Free Copy

I-Driving Ambitions ifundisa abantu abakhubazekileyo ukuqhuba

INKQUBO YOKUFUNDISA ukuqhuba abantu abakhubazekileyo amanqo kunye nabo bakhubazekileyo iingalo nemilenze abasebenzisa iimoto ezilungiselelwe kanye le meko yabo inceda abantu abakhubazekileyo bakwazi ukuqhuba.

A bantu abakhubazekileyo kumaxa amanzi abawafumani lula amathuba njengabantu abakhubazekileyo.

Amanye ala mathuba aquka ukukwazi ukuqhuba imoto. Kodwa inkqubo eyodwa eqhutywa yi-QuadPara Association of South Africa (i-QASA) ifundisa abantu abakhubazekileyo abangama-120 ukuqhuba iimoto ezilungiselelwe abantu abakhubazekileyo, kwaba bantu abangama-80 sele bezifumene ilayisenisi zabo zokuqhuba.

"Abantu abakhubazekileyo kumaxa amaninzi bayasokola ukuzihambela baye kwiindawo abafuna ukuya kuzo, kwaye isizathu soku ubukhulu becala kukuba bengakwazi ukusebenzisa izithuthi zikawonke-wonke. Sifuna ukuyilungisa le ngxaki, kodwa eyonanto siyifuna ngamandla kukuba bakwazi ukufumana imisebenzi," litshilo iGosa eliPhezulu lesiGqeba (i-CEO) se-QASA u-Ari Seirlis naye okhubazekileyo

iingalo nemilenze.

Koku okwabangela ukuba kuqaliswe le nkqubo yokufundisa ukuqhuba yakwa-Driving Ambitions ngowama-2013. U-QASA waya wadibana nenkampani eqeshisa ngeemoto u-Avis ukuze babonise ngomba wokufundisa abantu abakhubazekileyo ukuqhuba izithuthi ezilungiselelwe kanye le meko yabo.

"U-Avis wayiqonda le ngxaki, futhi wabona nokubaluleka kwayo njengoko beqeshisa ngeemoto ezinobuxhaka-xhaka bokuqhuba obusetyenziswa ngezandla. Baye bavuma ukusipha imoto yokuqala esasiyisebenzisa ukufundisa abantu ukuqhuba," utshilo uSeirlis.

Izicelo zabantu abafuna ukufunda ukuqhuba zivulelekile kubantu abakhubazekileyo amanqo kunye nabo bakhubazekileyo iingalo nemilenze banelayisenisi yokufunda ukuqhuba.


"Baya kuvavanyo olwenziwa yingcali yokuncedisa izigulane zikwazi ukuzenzela izinto

(i-occupational therapist) ukuqinisekisa ukuba banazo izakhono zokuqhuba ngendlela engazikubeka abanye abaqhubi engozini. Emva koko kuye kujongwe imeko yezimali yomntu lowo, oko kukuthi, angakwazi ukubhatala malini na, ize xa ingazukwanela leyo anayo, enye ayibhatalalelwe," ucacise watsho uSeirlis.

Abantu abathatha inxaxheba kule nkqubo banikwa iiyure ezaneleyo befundiswa ukuqhuba, bade babe bakulungele ukuya kuvavanywa.

Omnye wabantu abalisebenzisayo eli thuba nguCarol Khoza, owafumana ingozi yemoto kwiminyaka emibini eyadlulayo. Wafumana umonzakalo owamkhubaza amanqo.

"Ukuhamba ngezithuthi zikawonke-wonke kwaye kwanzima kakhulu kum. Ndikhumbula ngenye imini endandisiya kukhwela iteksi. Baye bandicedisa ndakhwela kodwa isitulo sam esinamavili baye abasikhwelisa besithi siza kugcwaliswa iteksi,"



UCarol Khoza ungomnye wabantu abangama-80 abakhubazekileyo abafumene ilayisenisi yokuqhuba ngenxa yoncedo lenkqubo ye-QASA yakwa-Driving Ambitions.

utsho uKhoza.

Ngenkxaso awayifumana kwa-Driving Ambitions, uCarol waye walifezekisa iphupha lakhe lokufumana ilayisenisi

yokuqhuba.

"Ndiyambulela u-QASA ngokundenza ndikwazi ukuzimela nokuzithemba kwakho-na." **V**

Xa ufuna iinkcukacha ezithe vetshe malunga nokufaka isicelo sokuxhamla kule nkqubo yakwa-Driving Ambitions tsalela u-QASA ku: 031 767 0348/0352 okanye uthumele i-imeyile ku: info@qasa.com

I-GO GEORGE ihamba phambili kumaphulo okuxhobisa abakhubazekileyo

IGEORGE eNtshona Koloni yenye yezixeko ezibakhathalaleleyo futhi nezibaxabisileyo abantu abakhubazekileyo.

U kusebenzisa izithuthi zikawonke-wonke yingxaki enkulu abajamelene nayo abantu abakhubazekileyo njengoko iibhasi kunye neeteksi ezininzi zingenabo ubuxhaka-xhaka obufunekayo ukuze zikwazi ukubakhwelisa.

Oomasipala kulo lonke eli nabo ngoku bafuna ukuqalisa iinkqubo eziza kusombulula le ngxaki. Kwaye uMasipala weNgingqi waseGeorge nguye ohamba phambili ngokwendlela izithuthi zikawonke-wonke ezinokutshintshwa ngayo ukuze zikwazi ukukhwelisa abantu abakhubazekileyo.

Inkqubo yeebhasi eziquqa zibuyelela, i-GO GEORGE, ixhaswa ngemali liSebe lika-Zwelonke lezoThutho kwaye kungoku nje ineebhasi ezincinci ezingama-35, iibhasi ezinkulu ezingama-36 kunye neebhasi eziphakathi ezingama-33.



Iibhasi ezincinci ze-GO GEORGE zezokuqala ukufakelwa ubuxhaka-xhaka obenzelwe ukulayisha abantu abahamba ngezitulo ezinamavili.

Zonke ezi bhasi ziyakwazi ukukhwelisa abantu abahamba ngesitulo esinamavili.

Iibhasi ezinkulu neziphakathi zinendawo ethotywa ngombane elungiselelwe ukukhwela nokuhlala abantu abahamba ngezitulo ezinamavili kwakunye

nezinye izinto eziqhelekileyo eebhasini. Kodwa umsebenzi omkhulu wenziwe kwezi bhasi zincinci, zona ukufika kwazo ngowama-2015, yayizezokuqala eMzantsi Afrika ukuba nenqwanqwa lokunyusa abantu abahamba ngezitulo ezinama-

vili zibakhwelisa. Zikwanayo nendawo yokuba bamise izitulo zabo ezinamavili futhi amacango azo anehayidrolikihi, loo nto yenze ukuba abantu abakhubazekileyo bakwazi ukuzikhwela.

"Olu hlobo lweebhasi lulo kuphela eMzantsi Afrika ekulula ukuba lukhwelwe nguye wonke umntu," utshilo umlawuli we-GO GEORGE uJames Robb.

Le yenye yezinto ezingundoqo ezibalula ngayo i-GO GEORGE. Kubalulekile ukuba wonke umntu waseGeorge akwazi ukuzisebenzisa izithuthi ziwonke-wonke ukuze akwazi ukuya emsebenzini, ezivenkileni, ecaweni, kwiindawo zolonwabo kunye nezo kufumaneka kuzo iinkonzo zezempilo.

"Abakhweli abakhubazekileyo bayayibulela into yokuba imeko yabo iqondwe kunye neenzima abadibana nazo imihla nezolo

bezama ukuya kwiindawo ezikude namakhaya abo, kwaye nokuba kuqondwe ukubaluleka kokungaxhomekeki emntwini, uzihambele wedwa."

URodrique Felix, omnye wabantu abasebenzisa ezi bhasi, yena wafumana ingozi yesithuthuthu kwiinyanga ezingama-18 ezidlulileyo. Kungoku nje uhamba ngesitulo esinamavili kwaye uthi kulula kakhulu ukuhamba ngezi bhasi xa esiya esibhedlela.

"Okuyinene kukuba sonke isixeko saseGeorge sicitywe ngendlela ethathela ingqalelo abantu abanezitulo ezinamavili, into leyo iluncedo kakhulu kuthi sonke," utshilo uRodrique.

Lo masipala unazo nezinye izibonelelo zokunceda abantu abakhubazekileyo eziquka iqhoshana lokufunda nokumamela kwiwebhusayithi yakhe elitshintsha into ebhaliweyo ibe yintetho. **V**